

# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)


IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2012

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandum inamaphepha ali-12.



**LO 3: UKUBHALA NOKUNIKEZELA**

**UCAZULULO LWEMIBUZO:**

**ICANDELO A: IZINCOKO: 40 AMANQAKU**

IMIBUZO	ISIHLOKO	UHLOBO LWESINCOKO
1.1	UKHUPHISWANO LWEMIDLALO ESIKOLWENI SAM. Izikolo zengingqi ohlala kuyo bezidibene esikolweni sakho kukhuphiswano lwemidlalo. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngako konke okuqhubekileyo ngale mini.	Esibalisayo/esichazayo
1.2	Ndinephupha lokuba ngenye imini ... Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli phupha lakho.	Esibalisayo/esichazayo
1.3	Bhala isincoko esiza kuphela ngala mazwi: "Ibimnandi kakhulu iholide yam ephelileyo."	Esibalisayo/esichazayo
1.4	Ingaba i-intanethi idala iingxaki okanye iluncedo ebomini bethu? Bhala isincoko uchaze ngendlela i-intanethi eza neengxaki okanye eluncedo ngayo kubomi bale mihla.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.1	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.2	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.3	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo
1.5.4	Ukutolika okubonwa emfanekisweni.	Esibalisayo/esichazayo

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE: 20 AMANQAKU**

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMDE
2.1	Ingxoxo phakathi kwakho nomnye wabazali bakho malunga nokuya kufunda kude nekhaya.
2.2	Ileta eya kumasipala ngeenjongo zokucela kubuyiselwe ipaki yendawo ohlala kuyo kwisimo sayo esihle.
2.3	Ileta eya ebazalini ngeenjongo zokubabulela ngegalelo labo elihle kwimpumelelo yakho.
2.4	Ingxelo yesikolo malunga notyelelo lwakho kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yomdlalo wombhoxo.

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE: 20 AMANQAKU**

IMIBUZO	UHLOBO LOMHLATHANA OMFUTSHANE
3.1	Iposikhadi oyithumela kubazali bakho malunga notyelelo lwakho nomhlobo wakho ngaselwandle eThekwini.
3.2	Ipowusta yekonsathi yombutho wesiXhosa eza kuqhutywa esikolweni sakho.
3.3	Imiyalelo yokukhomba indlela ukusuka kwelinye icala ledolophu ukuya kwelinye.

**AMANQAKU EWONKE: 80**

Am

PP

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1


#### 1.1 UKHUPHISWANO LWEMIDLALO ESIKOLWENI SAM.

Izikolo zengingqi ohlala kuyo bezidibene esikolweni sakho kukhuphiswano lwemidlalo. Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngako konke okuqhubekileyo ngale mini.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Yeyiphi le ngingqi kudityenwe kuyo?
- Zeziphi izikolo ezikhuphisanayo?
- Iindidi zemidlalo ekuza kukhutshiswana ngayo.
- Amaqela ezikolo aqhube kakuhle.
- Thetha nangovakalelo lwakho ngokubhekiselele kwizehlo zale mini.



(Umfundi angathetha nangezinye izinto ngokhuphiswano lwezikolo kwingingqi yakhe)

[40]

#### 1.2 Ndinephupha lokuba ngenye imini ... Bhala isincoko ubalise okanye uchaze ngeli phupha lakho.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Phupha lini eli analo ngobomi bakhe.
- Indlela aza kufikelela ngayo kweli phupha.
- Inkxaso aza kuyidinga ekuphumezeni eli phupha.
- Unobangela wokuba achonge eli phupha njengekamva lakhe.
- Indima yeli phupha lakhe ekuphuhliseni uluntu nelizwe lakowabo.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngeli phupha lakhe.)

[40]

#### 1.3 Bhala isincoko esiza kuphela ngala mazwi: 'Ibimnandi kakhulu iholide yam ephelileyo.'

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ibinini le holide?
- Uyichithele phi le holide?
- Bekutheni ukuze ukhethe ukuyichithela kule ndawo le holide?
- Uyichithe kunye nabani le holide?
- Indawo yokuhlala.
- Ukutya, iziselo, iindawo zolonwabo neendlela zokuzonwabisa.
- Eyona nto uyithandileyo ngale holide.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nale holide yakhe ayithandileyo)

[40]

Hm

PP  
WJS

- 1.4 Ingaba i-intanethi idala iingxaki okanye iluncedo ebomini bethu? Bhala isincoko uchaze ngendlela i-intanethi eza neengxaki okanye eluncedo ngayo kubomi bale mihla.

Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Yintoni kanye-kanye i-intanethi?
- I-intanethi ibaluleke ngantoni kubomi bale mihla?
- Ngxaki zini ezizalwa bubukho be-intanethi kumakhaya nakwintlalo yethu?
- Ndimani edlalwa yi-intanethi kumaziko emfundo?
- Ifuthe le-intanethi ekuxhobiseni ulutsha.
- Izinto ozithandayo nge-intanethi.
- Izinto ongazithandiyo nge-intanethi.
- Ubudlelwane phakathi kwe-intanethi nenkcubeko.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngokuphathelele kwi-intanethi)

[40]

- 1.5 1.5.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Ukubaluleka kokuzikhupha niye kuphunga ekhefi.
- Izinto umntu anokuzenza nanokuzifumana ekhefi.
- Amagama eekhefi abantu abanokuya kuzo kwindawo abahlala kuzo.
- Ukwahluka kwale nkcubeko naleyo yemveli yesiXhosa malunga nempungo.
- Indima yokuphunga nokutya ekhefi kwimpilo yomntu jikelele.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngokuzikhupha aye ekhefi)

[40]


Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Nangantoni na enokwenza nolwaphulo-mthetho okanye uphango.
- Imini olwenzeke ngayo.
- Indawo.
- Indlela okwenzeke ngayo oku.
- Inkangeleko yabaphangi nezixhobo ababaziphethe.
- Inkangeleko yabantu xa kusenzeka oku.
- Unxibelelwano phakathi kwabaphangi namaxhoba.
- Ukufika kwabomthetho kule meko.
- Indlela ephele ngayo le meko.

(Umfundi angathetha nangantoni na ngophango nolwaphulo-mthetho.)

[40]



Am

pp  
nws

1.5.3 Isincoko esibalisayo/esichazayo.

Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Indlela abantu abaphila ngayo kwiindawo zoogob'ityholo.
- Iingxaki abajongana nazo kobu bomi boogob'ityholo.
- Izizathu ezikhokelela abantu ekuhlaleni le ntlalo.
- Ukuzimisela kwabantu nokuphumelela kwabo nangona bekwimeko enje.
- Indima karhulumente noomasipala ngokuphathelele kwimeko yoogob'ityholo.
- Indlela abantwana abakhula ngayo kule ntlalo.
- Intsebenziswano phakathi koluntu abahlala kwiimeko ezinjengezi zoogob'ityholo.

(Umfundi angabandakanya nezinye izinto ngentlalo yasematyotyombeni.)

[40]

1.5.4 Isincoko esibalisayo/esichazayo.


Kulindeleke ukuba abafundi bathethe ngoku kulandelayo:

- Indlela abantu abohluke ngazo?
- Ukubaluleka kokwamkelana kwabantu nokuba kukho izinto abohluke ngazo.
- Indlela abaphathwa ngayo abantu abakhubazekileyo entlalweni.
- Indlela abaphatheka ngayo abantu abakhubazekileyo ezikolweni.
- Amalungelo abantwana nawabantu abakhubazekileyo.
- Indlela esinokubanceda okanye sibaxhase ngayo abo bakhubazekileyo.
- Ukubaluleka kwemidlalo.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga neendlela zokwamkelana kwabantu nangona zikho izinto abohluke ngazo.)

[40]

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**



Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

*Am*

*PP  
NWS*

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

### UMBUZO 2

- 2.1 Ingxoxo phakathi kwakho nomnye wabazali bakho malunga nokuya kufunda kude nekhaya.

#### INGXOXO

Kulindeleke ukuba umfundi nabazali bakhe baxoxe ngokuphathelele nokuya kufunda kude nekhaya.

- Uloyiko lwabazali malunga nokufunda kude nekhaya?
- Ukubaluleka kokumthemba umntwana oya kufunda kude nekhaya.
- Izinyalo emazinikwe lo mntwana.
- Inkuthazo enikwa lo mntwana.
- Indlela lo mntwana aza kuphelisa ngayo uloyiko lwabazali ukuze bamthembe.
- Izizathu zokuba akhethe ukuya kufunda kude nekhaya.
- Ukubaluleka kokufunda ukuzimela kwabantwana.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nomdla wakhe wokuya kufunda kude nekhaya.)


[20]

- 2.2 Ileta eya kumasipala ngeenjongo zokucela kubuyiselwe ipaki yendawo ohlala kuyo kwisimo sayo esihle.

#### ILETA ESEMTHETHWENI

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali
- Idilesi yenkampani
- Umbuliso
- Isihloko
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indawoni le paki kule ndawo ahlala kuyo?
- Inkangeleko yale paki.
- Izenzo zabantu ezingamkelekanga kule paki.
- Macebo mani anawo ukuze iphucuke imeko yale paki?
- Indima enokudalwa nguceba nomasipala ekubuyiseleni le paki kwisimo sayo sangaphambili.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga namacebo akhe okubuyisela ipaki yendawo ahlala kuyo kwisimo sayo esihle.)

[20]

*me*


*PP  
NWS*

- 2.3 Ileta eya ebazalini ngeenjongo zokubabulela ngegalelo labo elihle kwimpumelelo yakho.

### ILETA YOBUHLOBO

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yombhali
- Umbuliso
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indlela aqhube ngayo kwiziko lemfundo ephakamileyo.
- Uhlobo lomsebenzi awufumeneyo emva kwezifundo zakhe.
- Indlela afikelele ngayo kweli nqanaba akulo ebomini.
- Ukubulela kwakhe abazali ngendima yabo kwimpumelelo yakhe.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga nendima edlalwe ngabazali bakhe kwimpumelelo yakhe, kuquka nokubabulela ngokungazenzisiyo.)

[20]

- 2.4 Ingxelo yesikolo malunga notyelelo lwakho kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yomdlalo wombhoxo.

### INGXELO

Kulindeleke ukuba umfundi abandakanye oku kule ngxelo:

- Indawo ebetyelele kuyo.
- Indlela aphumelele ngayo ithamsanqa lokuya kule ndawo.
- Uhlobo lomnyhadala ebewuzimasile.
- Amaqela ombhoxo aphume phambili.
- Abadlali ababalaseleyo.
- Indlela olu tyelelo olutshintshe ngayo indlela abujonga ngayo ubomi.
- Izinto umfundi azifundileyo.
- Izinto umfundi azithandileyo.
- Izinto anokuxhobisa ngazo abanye abafundi.

(Umfundi angabandakanya nantoni na ephathelele kutyelelo lwakhe kwilizwe laseNew Zealand ngexesha leNdebe yeHlabathi yombhoxo.)

[20]

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

*Am*

*JP  
NWS*

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE


### UMBUZO 3

- 3.1 Iposikhadi oyithumela kubazali bakho malunga notyelelo lwakho nomhlobo wakho ngaselwandle eThekwini.

#### IPOSIKHADI

Qiniseka ukuba umfundi uzibandakanyile ezi zinto:

- Idilesi yabazali
- Umbuliso
- Intshayelelo
- Umongo
- Isiphelo



Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule leta:

- Indlela afikelele ngayo apho eThekwini.
- Uziva njani ngotyalelo lwakhe?
- Izinto ebebezenza nomhlobo wakhe.
- Inkangeleko yolwandle nonxweme lweTheku.
- Isimo sabantu baseThekwini.
- Izinto ezinika umdla kule dolophu.
- Umahluko phakathi kwale dolophu nendawo asuka kuyo.

(Umfundi angathetha nangantoni na emalunga notyelelo lwakhe)

[20]

- 3.2 Iklabhu (umbutho) yesiXhosa kwisikolo sakho iza kuba nekonsathi. Yila uze ubhale ipowusta yale konsathi uthethe ngezinto eziza kwenziwa njengomculo, umdaniso, ukubonga, ukutya, njalo njalo.

#### IPOWUSTA

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye nezi zinto zilandelayo kule powusta:

- Isihloko sepowusta
- Umhla wekonsathi.
- Indawo eqhutywa kuyo ikonsathi.
- Ixabiso lamatikiti.
- Amatikiti afumaneka phi?
- Izinto eziza kwenziwa ekonsathini.
- Kuza kuthengiswa ntoni ekonsathini?

(Umfundi angathetha nangezinye izinto malunga nekonsathi)

[20]

### OKANYE

*Handwritten signature*

*Handwritten signature*



- 3.3 Imiyalelo yokukhomba indlela ukusuka kwelinye icala ledolophu ukuya kwelinye.


### IMIYALELO YOKUKHOMBA INDLELA

Umfundi kulindeleke ukuba abandakanye indlela aza kuyihamba ukusuka ku-A ukuya ku-B.

- Qala ukuhamba eMain Road usuka ku-A.
- Jika ngasekhohlo eBeech St. Uza kubona iposi ngasekhohlo kwakho.
- Wela umlambo ujike ngasekhohlo ePine St.
- Ekhohlo uza kubona isikhululo samapolisa.
- Hamba njalo ngePine St. uwele isitalato sokuqala.
- Ngasekhohlo uza kudlula kwilayibrari nesibhedlele.
- Jika ngasekunene eOak St. uze udlule isikolo ngasekunene.
- Uza kufika eYellow Wood St. ujike ngasekhohlo.
- Hamba njalo ngeYellow Wood St. udlule phakathi kwepaki nesilarha.
- Jika ekunene eElm St. udlule isitalato sokuqala.
- Uza kufumana iNu Metro ngasekhohlo kwakho.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20  
AMANQAKU EWONKE: 80



*Handwritten signature*

*Handwritten signature*

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO A: IPUBHRIKHI YOKUHLOLA ISINCOKO (IZINCOKO) (AMANGAKU: 40)

IKHOWUDI	GOWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANGAKU UMXHOLO/ UMONGO NOCWANGCISO Amangaku: (28)	Umxholo ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngeshloko. Izimvo zibhadlile; Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kweshloko, izimvo zibhadlile. Isicwangciso senze isincoko sapum' izandla.	Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lweshloko, izimvo zibhadlile; Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada	Isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa, izimvo nje kusekho kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbada.	Umxholo nocwangciso, izimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kuthungelwano. Izimvo kuzamekile kodwa ziyaphinda-phinda. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esibonakala sisameleka nesithungelwano.	Umxholo Izimvo nothungelwano lwazo kusenzima. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo.	Umxholo, uthungelwano zimvo kuyingxaki enkulu; Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye isincoko sixazalala.
ULWAKHIWO Amangaku: (5)	4–5 Ukukhula kweshloko ngokuthengela. Umxholo uphuhlile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo konke kugqwesile. Ubude buchanele.	3 ½ Ukukhula komongo ngokulandelelanayo. Kukho uthungelwano. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo kuphakanile kakhulu. Ubude buchanele.	3 Izimvo zomongo zimbaleka. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude konke kukwizinga eliphakathi kwaye zicacile. Ubude buphanise banelisa.	2 ½ Amanye amangaku nezimvo ezifanelekileyo zixelwe. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude konke kuyanelisa.	2 Ezinye izimvo ezifanelekileyo ziyavalea. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo zineziphoso kodwa zizamekile buzamekile (side kakhulu / situshane kakhulu).	1 ½ Ngamanye amaxesha uyaphuma kwishloko. Kunzima ukulandela iingcinga zakhe. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude (side kakhulu / ncam nobude abuphuhlanga ncam (side kakhulu / situshane kakhulu).	0–1 Uphumile kwishloko. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude (side kakhulu mpele / situshane kakhulu kwaphela.
ULWIMI/ IZIPHUMLISI/ NOHLELO Amangaku: (7)	6–7 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile, ukusetyenziswa kolwimi olusulungekileyo.	5–5 ½ Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi, ukusetyenziswa ngokuchanekileyo kolwimi olusulungekileyo nochongo magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo.	4 ½ Ingqaliselo kulwimi iphakathi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi, ulwimi luyamelana neemfuno zesi shloko, nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakathi.	3 ¾ Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuyanelisa kodwa zinobungqina obanelisayo beshloko.	3 Ulwimi neziphumlisi luyazameka kodwa alusetyenziswanga ngokuchanekileyo, uchongo magama luzamekile, ulwimi aluthungelani kwaye alungqinelani neshloko, sineziphoso ezineqela emva kohlelo.	2 ½ Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso Ulwimi alungqinelani neshloko.	0–2 Ingqaliselo kulwimi, iziphumlisi nochongo magama nobungqina bohlelo konke kuneziphoso kakhulu. Sibonakalisa iziphoso nokubandakisa kakhulu izimvo emva kohlelo.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO B: IRUBHIKHI YOKUHLOLA IMIHATHANA EMIDE (AMANGAKU: 20)


IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
AMANGAKU UMXHOLO/ NOCWANGCISO	Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeentfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nocomangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma itekisi enika imbadla kakulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeentfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye akatane apume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo kakuhle.	Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeentfuno zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutoliko lwesihloko, izimvo zibadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla nesithungelano. Usebenzise imithetho emininzi efanelekileyo yesakhiwo.	Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeentfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwanele. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwanele.	Uzamlile ukubonakalisa ulwazi ngeentfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nje kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Umlwazi oluzamekayo kwakho kukho iimpazamo ezibonakalayo.	Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeentfuno zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukuncipha kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelano lwazo kusenziwa, zimbalwa izimvo ezixhasa isihloko. Ubungqina besicwangciso bunciphile. Itekisi ayibhawanga kakuhle. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakuhle - kukho izinto ezibalulekileyo ezishiyweyo.	Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeentfuno zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, uthungelano izimvo kuyingxaki enkulu; umezimvo ezimbilwa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisa imithetho yesakhiwo.
ULWIMI/NOHLELO	5–6	4½	4	3–3½	2½	2	0–1½
Amangaku: (6)	Ittekisi ibhalwe ngegama echanelekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakulu ngokwenjongo, ngokwabatundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	Ittekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise ukuphuhle abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe kwizinga eliphakamileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	Ittekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise ukuphuhle abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwanele. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlolo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	Ittekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi ithungelano. Isigama sibonakalise ukuphuhle abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwanele. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Ittekisi isengetela iziphoso ezibonakalayo emva kohlolo. Ubude buphanise buchaneke ngokwanele.	Uzamlile ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Uusokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala itekisi nangona yitekisi eneziphene eziliqela emva kohlolo. Ubude – inde / imfuthane nje.	Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunziwa ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde / imfuthane kakhulu.	Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunziwa kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeleki tu emva kohlolo. Ubude – inde / imfuthane kakhulu mpela.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tynila iphepha

hnr

SM



## ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO - ICANDELO C: IRUBHRIKHI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (AMANQAKU: 20)

IKHOWUDI	GQWESILEYO KHOWUDI 7 80–100%	PHAKAMILEYO KHOWUDI 6 70–79%	PHAKATHI KHOWUDI 5 60–69%	KUYANELISA KHOWUDI 4 50–59%	KUYAZAMEKA KHOWUDI 3 40–49%	KUNZINYANA KHOWUDI 2 30–39%	KUNZIMA KHOWUDI 1 0–29%
<b>AMANQAKU</b> <b>UMXHOLO/</b> <b>NOCWANGCISO</b>  <b>Amanqaku: (14)</b>	<b>11 ½–14</b> Ubonakalisa ulwazi olugqwesileyo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni akaphumi ecaleni. Umxholo nochwangciso zibonakalisa ngqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Ubonakalisa besicwangciso benze kwaphuma itekisi enika imbadla kakhulu. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	<b>10–11</b> Ubonakalisa ulwazi oluphakamileyo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye akafane aphume emxholweni. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	<b>8 ½–9 ½</b> Ubonakalisa ulwazi oluphakathi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uhlala emxholweni kwaye uphuma kancinci kuwo. Umxholo ubonakalisa ukuchaneka kutohlo lwesihloko, izimvo zibhadlile. Ubungqina besicwangciso senze kwaphuma isincoko esinika imbadla. Usebenzise imithetho efanelekileyo yesakhiwo ngokugqwesileyo.	<b>7–8</b> Ubonakalisa ulwazi olwanelisayo ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni kodwa uyayiphuhlisa intsingiselo ngokwaneleyo. Umxholo, isicwangciso, izimvo konke kuyanelisa. Ubungqina besicwangciso benze kwaphuma isincoko esamkelekileyo. Usebenzise imithetho emininzi yesakhiwo ngokwaneleisayo.	<b>6–6 ½</b> Uzamlile ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukujonga kwicala elinye. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga ngamanye amaxesha. Umxholo uyathungelana, ezinye izimvo zixhasa isihloko, konke kuzamekile noxa nie kusekho izikroba. Ubungqina besicwangciso buvelise itekisi ezamekileyo. Unolwazi oluzamekayo lwesakhiwo. Kukho impazamo ezibonakalayo.	<b>4 ½–5 ½</b> Kube nzinyana ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Indlela abhala ngayo ibonakalisa ukuncipha kwezimvo. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo nothungelwano lwazo kusenzima, zimbalwa izimvo ezixhasa isihloko. Ubungqina besicwangciso bunciphile. Itekisi ayibhalwanga kakuhle. Ukusebenzisa imithetho yesakhiwo akuphuhlanga kakuhle - kukho izinto ezibalulekileyo ezishiyiweyo.	<b>0–4</b> Akakwazi ukubonakalisa ulwazi ngeemfundo zetekisi. Umfundi uphuma ecaleni, intsingiselo ayicacanga kwiindawo ezininzi. Umxholo, izimvo uthungelwano izimvo kuyingxaki enkulu; unezimvo ezimbalwa kakhulu ukuxhasa isihloko. Isicwangciso setekisi asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. Akayisebenzisanga imithetho yesakhiwo.
<b>ULWIMI/</b> <b>IZIPHUMLSI/</b> <b>NOHLELO</b>  <b>Amanqaku: (6)</b>	<b>5–6</b> Ittekisi ibhalwe ngegama echanelekileyo kwaye yakhiwe ngokugqwesileyo, isigama siphuhle kakhulu ngokwenjongo, ngokwawabafundi nangokwemeko. Ulwimi lubhalwe ngokugqwesileyo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eligqwesileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokugqwesileyo.	<b>4 ½</b> Ittekisi ibhalwe nakwizinga eliphakamileyo. Isigama sibonakalise okuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakamileyo lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakamileyo.	<b>4</b> Ittekisi ibhalwe kakuhle nakwizinga eliphakathi. Isigama sibonakalise okuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokuphakathi. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga eliphakathi lokungabi naziphoso emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokuphakathi.	<b>3–3 ½</b> Ittekisi ibhalwe yakwizinga elanelisayo. Iziphoso aziphazamisi thungelwano. Isigama sibonakalise okuphuhla ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubhalwe ngokwaneleisayo. Yitekisi ethanda ukubonakalisa izinga elanelisayo. Ittekisi isenegela leziphoso ezibonakalayo emva kohlelo. Ubude buchaneke ngokwaneleisayo.	<b>2 ½</b> Uzamlile ukubhala itekisi. Iziphoso ziliqela. Isigama sinciphile kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Usokole ukubhala ulwimi ngokufanelekileyo. Umfundi uzamlile ukubhala itekisi nangona iyitekisi eneziphene eziliqela emva kohlelo. Ubude – inde / imfutshane nje. imfutshane nje.	<b>2</b> Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi lubonakala lungahambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi nangona ihleliwe. Ubude – inde / imfutshane kakhulu.	<b>0–1 ½</b> Ittekisi ibhalwe xazalala kwaye kunzima kakhulu ukuyilandela. Isigama sifuna ukulungiswa kakhulu mpela kwaye asihambelani kakuhle ngokwenjongo, abafundi nemeko. Ulwimi aluhambelani nesihloko. Ittekisi ineempazamo ezininzi kwaye ayilandeletu emva kohlelo. Ubude – inde / imfutshane kakhulu mpela.